




**MINERALS COUNCIL**  
SOUTH AFRICA

# Molo

Igama lam ndingu-Coronavirus




**Mhlawumbi ukhe weva ngegama lam esikolweni okanye kumabonakude okanye kunomathotholo**

Makhe ndikuxelele malunga nam ukuze wazi ukuba kuthetha ukuthini na xa ngaba ndithe ndafika ukuza kutyelela wena okanye usapho lwakho

*Olu lwazi niluphathelwe yi-Minerals Council South Africa  
Iqulunqwe yi-R&A Strategic Communications R&A*

Yintoni osele  
uyazi malunga  
nam?



## Ingaba uyazi ukuba



Ndiyintsholongwane kwaye ndibangela isifo esibizwa ngokuba yi-COVID-19



Ndiyafana nomkhuhlane oqhelekileyo kwaye ndisasazeka ngokulula



Ndihamba ukusuka emntwini ukuya komnye xa ebamba omnye okanye ekhohlela okanye ethimla ngakomnye umntu



Ndiyathanda ukuhlala kwiindawo ezifana nendawo yokubamba xa uvula ucango, imiphezulu yeenkawuntari, kunye nasezimpahleni



Kwezinye iindawo ehlabathini, sele ndityelele abantu abaninzi kakhulu

# Andibatyeleli kakhulu abantwana, kodwa abantwana basengakwazi ukuyidlulisela kwabanye abantu intsholongwane

Uya kukwazi xa ndikutyelele ngokuba ubenezi zinto



Ubushushu obuphezulu



Umqala obuhlungu



Ukukhohlela



Ukuphefumla nzima



Kodwa abanye abantu abangekhe bazi naxa ndifikile ndaza kuhlala, kungoko ke kufuneka ukuba

## sonke sihlale silumke kakhulu ngoku



**Andihlali ixesha elide,  
kwaye phantse wonke  
umntu uye abengcono**



**Kodwa kubalulekile ukuba uzinakekele kakhulu  
nangakumbi ukuze ukhusele abantu obathandayo**

**Ingakumbi umakhulu  
okanye utamkhulu  
wakho okanye abantu  
abasele begula**



**Kwakunye noogqirha  
nabongikazi  
abasesibhedlele  
abanakekela abantu  
abagulayo abadinga  
uncedo lwabo**



**Unganceda  
ukuzigcina  
wena kunye  
nosapho  
lwakho  
nikhuselekile.**



**Andisayi  
kububamba  
ubuso bam**



**Ndiza kusebenzisa  
umxube wokucoqa  
izandla ndize  
ndiwuyeke womele  
ezandleni zam**



**Xa ndithimla  
ndiza kuzogquma  
ngethishu okanye  
ngengqiniba yam**

**Ndizakuhlamba izandla zam  
imizuzwana engama-20 rhoqo**

Lixesha elingakanani elo? Kulingana  
nexesha lokucula ingoma yemini  
yokuzalwa kube kabini

**Ndiza kuhlamba izandla zam  
ngamanzi nesephu**

Ngaphambi nasemva kokuba nditye  
Ngaphambi nasemva kokuba  
ndidlale phandle



**Andiyi  
kubabamba  
abanye abantu**



# Ungabi nexhala!

Ukuba nisebenzisana nonke, wena kunye nosapho lwakho niya kuhlala nisempilweni.

Oosonzululwazi kunye noogqirha kwihlabathi lilonke bazama ukugcina abantu bekhuselekile futhi besempilweni.



**Molo**

Ukuba ngaba kukho into ongayiqondiyo okanye oyoyikayo malunga nam, nceda uthethe nomntu omthembayo. Ukuba ngaba abazali bakho banexhala, bangatsalela umnxeba **ku-0800 029 999** ukufumana ulwazi olungaphezulu.